    - 7.3.2.2. nalo naliphi na iGosa loLwazi eliSekelayo lequmrhu likarhulumente nequmrhu lamashishini abucala elityunjwe ngokwecandelo 17(1) lomthetho wePAIA<sup>2</sup> nowecandelo lama56 lomthetho wePOPIA<sup>3</sup>;
- 7.3.3. indlela nohlobo lwesicelo-
  - 7.3.3.1. sokufikelela kwirekhodi yequmrhu likarhulumente elichatshazelwe

---

<sup>2</sup> Icandelo le17(1) lomthetho wePAIA – Eliphathelele kwiinjongo zomthetho wePAIA, iqumrhu likarhulumente ngalinye, phantsi komthetho olawula ingqesho yabasebenzi bequmrhu likarhulumente elichaphazelekayo, lityumbe elo nani labantu njengamasekelagosa olwazi njengoko kuyimfuneko ukunika iqumrhu loluntu ukuba lifikelele kangangoko kubaceli beerekhodi zalo.

<sup>3</sup> Icandelo lama56 (a) lomthetho wePOPIA – Iqumrhu likarhulumente nequmrhu labucala ngalinye kufuneka lenze isibonelelo, ngokwendlela emiselweyo kwicandelo le17 loMthetho wokuPhakanyiswa koFikelelo kuLwazi, kunye notshintsho oluyimfuneko, ukulungiselela ukutyunjwa kwenani labantu abanjalo, ukuba likho, njengosekelagosa wolwazi njengoko kuyimfuneko ukwenza imisebenzi noxanduva njengoko kumiselwe kwicandelo lama55(1) lomthetho wePOPIA.

kwicandelo le11<sup>4</sup>;

- 7.3.4. soncedo olufumanekayo olusuka kwiGosa loLwazi lequmrhu likarhulumente ngokomthetho wePAIA nomthetho wePOPIA;
- 7.3.5. soncedo olufumanekayo olusuka kuMlawuli ngomthetho wePAIA nomthetho wePOPIA;
- 7.3.6. sazo zonke iindlela zoncedo emthethweni ezifumanekayo ngokuphathelele ekuthathweni kwenyathelo okanye ukungathathwa kwalo ngokuphathelele kwilungelo okanye kuxanduva oludluliselwe okanye olunyanzeliswa ngumthetho wePAIA nomthetho wePOPIA, kuqukwa nendlela yokufaka-
- 7.3.6.1. isicelo sesibheni sangaphakathi;
  - 7.3.6.2. isikhalazo esiya kuMlawuli; kunye
  - 7.3.6.3. nesicelo esiya enkundleni esichasene nesigqibo segosa lolwazi lequmrhu likarhulumente, isigqibo esimalunga nesicelo sesibheni sangaphakathi okanye isigqibo soMlawuli okanye isigqibo sentloko yequmrhu labucala;
- 7.3.7. imiqathango yamacandelo le14<sup>5</sup> nelama51<sup>6</sup> ifuna ukuba iqumrhu likarhulumente nequmrhu labucala, ngokulandelelanayo, aqulunqe incwadana, nendlela yokufikelela kwincwadana leyo;
- 7.3.8 imiqathango yamacandelo le15<sup>7</sup> nelama52<sup>8</sup> ibonelela ngokuchazwa kweendidi zeerekhodi liqumrhu likarhulumente naliqumrhu labucala, ngokulandelelanayo;
- 7.3.9. izaziso ezikhutshwe ngokwamacandelo ama22<sup>7</sup> nelama54<sup>8</sup> eziphathelele

---

<sup>4</sup> *Icandelo le11(1) lomthetho wePAIA- umenzisicelo kufuneka anikwe ufikelelo kwirekhodi yequmrhu likarhulumente ukuba umenzisicelo uzithobela zonke iimfuno zomgaqo kumthetho wePAIA eziphathelele ekufikeleleni kuloo rekhodi; yaye ufikelelo kuloo rekhodi alukhatywa ngokuphathelele kuso nasiphi na isizathu sokungavumi esichatshazelwe kwiSahluko sesi4 sesi siQendu.*

<sup>5</sup> *Icandelo 14(1) lomthetho wePAIA- Igosa lolwazi lequmrhu likarhulumente kufuneka ukuba, ubuncinane ngeelwimi zaseburhulumenteni ezintathu, lenze kufumaneke incwadana equlethe iinkcukacha ezidwelise kumhlathi wesi4 olaphangasentla.*

<sup>6</sup> *Icandelo 51 (1) lomthetho wePAIA- Intloko yequmrhu labucala kufuneka inike incwadana yemigaqo equlethe inkcazelo yolu lwazi ludweliswe kumhlathi wesi4 ngasentla.*

<sup>7</sup> *Icandelo le15(1) lomthetho wePAIA- Igosa lolwazi lequmrhu likarhulumente kufuneka lenze ukuba kufumaneke ngendlela emiselweyo inkcazo yeendidi zeerekhodi zequmrhu likarhulumente ezifumaneka ngokuzenzekelayo ngaphandle kokuba umntu acele ukufikelela.*

<sup>8</sup> *Icandelo lama52(1) lomthetho wePAIA- Intloko yequmrhu labucala inako, ngokuzithandela, ukwenza kufumaneke ngendlela emiselweyo inkcazo yeendidi zeerekhodi zequmrhu labucala ezifumaneka ngokuzenzekelayo ngaphandle kokuba*

neentlawulo ekufuneka zihlawulwe ngokunxulumene nezicelo zokufikelela; kunye

7.3.10. Nemimiselo eyenziwe ngokwecandelo lama92<sup>9</sup>.

7.4. Uluntu lunokuhlola okanye lwenze iikopi zesiKhokelo kwiiofisi zamaqumrhu karhulumente okanye zamaqumrhu abucala, kuqukwa iofisi yoMlawuli, ngeeyure zokusebenza eziqhelekileyo. IsiKhokelo kwakhona sinokufumaneka-

7.4.1. ngokwenza isicelo kwiGosa loLwazi; okanye

7.4.2 kwiwebhusayithi yoMlawuli ([Home - Information Regulator \(infoeregulator.org.za\)](http://infoeregulator.org.za)).

## 8. INKCAZELO YEZIHLOKO APHO ISIXEKO SASEKAPA SIPHETHE IIREKHODI KUNYE NEENDIDI ZEEREKHODI EZIGCINWE SISIXEKO SASEKAPA

'Iirekhodi' zeSixeko zibhekisela kwezo rekhodi zenziwe okanye zifunyenwe ngethuba lokwenziwa komsebenzi waseburhulumenteni nezigcinwa njengobungqina bemisebenzi, iintshukumo kunye neenkqubo zokwenziwa kweenkonzo zeSixeko. Kukho iindidi ezahlukeneyo zeerekhodi, umzekelo, iifayili zembalelwano, iimephu, izicwangciso, iirejista, iiajenda kunye nemizuzu, ezinokufumaneka kwiindidi zamajelo ezahlukeneyo, umz. ephepheni, ekhompyutheni, okanye kwimayikhrofilimu. [IsiHlomelo A](#) sinika inkcazelo yezihloko ezigcinwe siSixeko kwakunye neendidi zeerekhodi ezigcinwe kwisihloko ngasinye.

## 9. IINDIDI ZEEREKHODI ZESIXEKO SASEKAPA EZIFUMANEKAYO KUNGAKHANGE KUBEKHO MNTU UCELA UKUZIFIKELELA

---

umntu acele ukufikelela.

<sup>9</sup>Icandelo lama22(1) lomthetho wePAIA- igosa lolwazi lequmrhu likarhulumente ekwenziwa kulo isicelo sofikelelo, kufuneka ngesaziso lifune ukuba umenzi wesicelo ahlawule intlawulo emiselweyo yesicelo (ukuba ikhona), phambi kokuba kuqhutyelwe phambili nesicelo.

<sup>10</sup>Icandelo lama 54(1) lomthetho wePAIA- Intloko yequmrhu labucala ekwenziwa kuyo isicelo sofikelelo kufuneka ngesaziso ifune ukuba umenzi wesicelo ahlawule intlawulo emiselweyo yesicelo (ukuba ikhona), phambi kokuba kuqwalaselwe ngakumbi isicelo.

<sup>11</sup>Icandelo lama92(1) lomthetho we PAIA libonelela ngokuba – "UMphathiswa unokuthi ngesaziso kwiGazethi enze imigaqo emalunga -

- a) nawuphi umcimbi ofunekayo okanye ovunyelwe ngulo Mthetho ukuba umiselwe;
- b) nawuphi na umcimbi onxulumene nemirhomo ekuthethwa ngayo kwicandelo lama22 nelama54;
- c) nasiphi na isaziso esifunwa ngulo Mthetho;
- d) umgaqo ofanayo wokusetyenziswa ligosa lolwazi lequmrhu likarhulumente xa lisenza isigqibo sokuba zeziphi iindidi zeerekhodi ekufuneka zenziwe zifumaneka ngokwecandelo le15; kwaye
- e) nawuphi na umcimbi wolawulo okanye wenkqubo oyimfuneko ukuze kuphunyezwe amalungiselelo alo Mthetho."

Ukufikelela kwiirekhodi ezigcinwe siSixeko

**9.1** [IsiHlomelo B](#) sichaza iindidi zeerekhodi zeSixeko ezifumaneka ngoko nangoko kungakhange kunyanzeleke ukuba umntu makacele ukufikelela ngokungqinelana noMthetho/ Ngokuzenzekelayo /UkuZichaza ngokuZithandela.

## **10. INKQUBO YOKUFIKELELA KWIIREKHODI EZIGCINWE SISIXEKO SASEKAPA**

Xa isicelo serekhodi okanye iirekhodi / ulwazi sifunyenwe, apho kufanelekileyo, umenzisicelo kufunekaancediswe njengoko kuyimfuneko ukuze umenzisicelo abe nako ukuthobela iimfuno zoMthetho.

Xa irekhodi/ulwazi lucelwa ngokungqinelana noMthetho, umenzisicelo kufuneka avumele ukufikelela kuzo, ukuba ngaba umenzisicelo uzithobela zonke iimfuno zenkqubo ezikuMthetho ezinxulumene nesicelo sokufikelela kwiirekhodi. Ukufikelela kwiirekhodi makungavunywa ukuba kukho nasiphi na isizathu sokungavumi esikhankanywe kuMthetho. Ukufikelela kunokunikwa ukuba oko kukwimfuno yoluntu, nangona sikhona isizathu sokwala isicelo esinjalo. Ukufikelela kwiirekhodi kufuneka kwaliwe ukuba kukho naziphi na izizathu zokwala ezikhankanywe kuMthetho zikhona.

### **10.1 Uhlobo lwesicelo**

Isicelo masenziwe ngencwadi ebhaliweyo emiselweyo KWIFOMU YESI2, eqhotyoshelwe [njengesiHlomelo C](#) yaza yathunyelwa apha:

#### **KwiGosa loLwazi okanye iGosa loLwazi eliSekelayo**

Private Bag X9181

Cape Town

8000

I-imeyili: [Access2info.Act@capetown.gov.za](mailto:Access2info.Act@capetown.gov.za)

Icandelo le18 lomthetho wePAIA limisela inkqubo eya kulandelwa ekwenzeni isicelo sokufikelela kulwazi olugcinwe siSixeko. Icandelo lama23(1) lomthetho wePOPIA kwakhona libonelela ngenkqubo yokufikelela kulwazi lomntu. Indlela yokufikelela kulwazi lomntu ngokwecandelo lama23 lomthetho wePOPIA kufuneka ingqinelane necandelo le18 lomthetho wePAIA.

Umenzisicelo okanye umntu onxulumene nedatha kufuneka basebenzise IFOMU YESI2 emiselweyo, xa becela ukufikelela kwiirekhodi okanye kulwazi lomntu.

Umenzisicelo nguye nawuphi na umntu ocela ukufikelela kwiirekhodi yeSixeko yaye ngokuphathelele koku, umthetho wePAIA wahlula phakathi kwezi ndidi zimbini zabenzisicelo

sokufikelela kulwazi, oko kukuthi uMenzisicelo uBuqu, (umntu onxulumene nedatha) kunye noMnye uMenzisicelo.

Umntu onxulumene nedatha ngumenzisicelo othi, esakube enike ubungqina bokuzazisa obufanelekileyo, ofuna ukufikelela kwirekhodi equlethe ulwazi lomntu ngamnye malunga nesihloko sedatha. Phantsi kwemimiselo yomthetho wePAIA nomthetho wePOPIA, iSixeko siya kubonelela ngolwazi oluceliweyo, okanye sibonelele ngokufikelela kuyo nayiphi na irekhodi ngokuphathelele kulwazi lomntu ngamnye lesihloko sedatha kwixesha elifanelekileyo, (ngexabiso elimiselweyo, ukuba likhona) ngendlela nohlobo olufanelekileyo olulandelekayo ngokubanzi. Intlawulo emiselweyo yokukhutshelwa kolwazi lomntu ngamnye oluceliweyo iya kuhlawuliswa siSixeko.

Umntu okudidi loMenzisicelo ongoMnye unelungelo lokucela ukufikelela kulwazi oluphathelele kumaqela esithathu. Nakuba kunjalo, iSixeko asinyanzelekanga ukubonelela ngofikelelo phambi kokuba umenzisicelo azalisekise iimfuneko zokufikelela kulwazi ngokomthetho wePAIA nomthetho wePOPIA.

IFomu yesi2 mayiqwalaselwe ize ingeniswe kwiGosa loLwazi ngesandla, ngeposi, okanye ngeimeyili, iinkcukacha zalo zibhalwe apha ngentla.

Umenzisicelo kufuneka abonelele ngolwazi olwaneleyo lwerekhodi / iirekhodi eziceliweyo eceliweyo ukwenzela ukuba iGosa loLwazi okanye iGosa loLwazi eliSekelayo, ukuba likhona, lalathe irekhodi / iirekhodi ezo. Ifomu emiselweyo kufuneka izaliswe ngobuchule obaneleyo ukwenzela ubuncinane iGosa loLwazi libe nako ukuziqaphela:

- a) iinkcukacha zomenzisicelo;
- b) iinkcukacha zerekhodi eceliweyo;
- c) uhlobo lwerekhodi;
- d) uhlobo lokufikelela; kunye
- e) nendlela yokufikelela.

## **10.2 Ezinye iingongoma ezibalulekileyo ezongeziweyo emazikhunjulwe xa kuzaliswa ifomu yesicelo:**

- a) Isicelo masicacise gca ukuba zeziphi iinkcukacha ezifunekayo yaye ukuba isicelo sesekopi yerekhodi okanye ingaba umenzisicelo angathanda ukuyibona irekhodi kwiofisi yeSixeko.
- b) Ifomu yesicelo mayikhatshwe sisicelo sentlawulo emiselweyo (ngeentlawulo, khangela 'intlawulo ezikhutshwayo' ku10.3 apha ngezantsi).
- c) Ukuba umntu ufuna ukufikelela kwifomu ethile, umenzisicelo kufuneka anikwe ufikelelo



olwenzeka ngendlela efunekayo, ngaphandle kokuba ukwenza njalo kuphazamisa ngokungafanelekanga ukusebenza kweofisi, kungayonakalisa irekhodi, okanye kungophula ilungelo lokushicilela okanye ulwazi lobunikazi okanye ulwazi olungelulo lweSixeko, umzekelo, ulwazi olusisinyanzelo olukhuselweyo lwezorhwebo lomniki wenkonzo okanye umthengisi.

- d) Ukuba umenzisicelo unqwenela ukwaziswa ngesigqibo esiphathelele kwisicelo ngayo nayiphi na enye indlela, umz. umnxeba okanye I-imeyili, ukongezelela kwimpendulo ebhaliweyo, kufuneka kubhalwe oko ngolo hlobo.
- e) Kwimeko apho umenzisicelo acela ulwazi egameni lomnye umntu, inqanaba elo lokwenziwa kwesicelo kufuneka libhalwe.
- f) Xa umenzisicelo engakwazi ukufunda okanye ukubhala okanye enokhubazeko, isicelo eso sinokwenziwa ngomlomo. Kwimeko enjalo, igosa lolwazi/igosa lolwazi elisekelayo kufuneka lizalise ifomu egameni lomenzisicelo.

### **10.3 Iintlawulo ezimiselweyo ezikhutshwayo**

- a) Icandelo 22(1) lomthetho wePAIA lichaza ukuba iintlawulo ezihlawuliswayo zokufikelela kwiirekhodi zeSixeko ziya kumiselwa. Iintlawulo ezimiselweyo zichazwe kwisiHlomelo B seMiqathango emalunga nokuPhakanyiswa koFikelelo kuLwazi, ka2021 (ISaziso sikaRhulumente esinguNomb. R757 sowama27 kweyeKhala 2021), siqhotyoshelwe apha [njengesihlomelo D.](#)
- b) Umenzisicelo ofuna ukufikelela kuyo nayiphi na irekhodi kunokufuneka ukuba ahlawule intlawulo, ngaphandle kokuba uxolelwe, njengoko kuchaziwe apha ngezantsi.

### **10.4 UkuXolelwa kwiiNtlawulo**

Umenzisicelo akukho mfuneko yokuba ahlawule intlawulo yokufikelela kwiqumrhu likarhulumente ukuba—

- a) Ungumntu ongatshatanga omvuzo wonyaka wakhe, emva kokutsalwa imali okuvumelekileyo, njengePAYE neUIF, ungaphantsi kweR14 712 ngonyaka, okanye
- b) Utshatile yaye umvuzo ohlanganisiweyo kunye nomlingane wakhe, emva kokutsalwa imali okuvumelekileyo, njengePAYE neUIF, ungaphantsi kwamaR27 192 ngonyaka.

### **10.5 Isigqibo neSaziso**

- a) Umenzisicelo uya kwaziswa zingadlulanga iintsuku ezingamashumi amathathu (30) zokufunyanwa kwesicelo sesigqibo segosa lolwazi /igosa lolwazi elisekelayo

ngokuphathelele koku, ngaphandle kokuba ixesha lokusingatha esi sicelo liye longezwa.

- b) Kufuneka kuhlawule intlawulo yofikelelo engaphezulu ukwenzela uphando, amalungiselelo nokuveliswa kwerekhodi kwakhona, apho kufanelekileyo. Kwakhona khangela isiHlomelo D malunga neentlawulo ezihlawulwayo ku10.3 apha ngentla.
- c) Umenzisisicelo uya kunikwa ulwazi olufunekayo ukuba kuyimfuneko, kwixesha elifanelekileyo isakuba ifumanekile ifomu yesicelo nentlawulo emiselweyo.

#### **10.6 Ukudluliselwa kwezicelo**

Ukuba isicelo sofikelelo esinxulumene nolwazi asifumaneki kwiSixeko, okanye ulwazi olunxulumene ngokusondeleneyo kakhulu nelinye iqumrhu likarhulumente, isicelo eso siya kudluliselwa kwenye indawo zingadlulanga iintsuku ezili14 (ezilishumi elinesine) zokufunyanwa kwesicelo eso esiya kwelinye iqumrhu/iziko/umqeshi onokubonelela ngolwazi. Nje ukuba isicelo sidluliselwe kwenye indawo, umenzisisicelo uya kunikwa lonke ulwazi olufanelekileyo noluyimfuneko ngokuphathelele ekudlulisweni kwenye indawo, okuya kuquka, iinkcukacha zomntu ekwakudluliswe ulwazi lwakhe.

#### **10.7 Irekhodi ezingafumanekiyo okanye ezingekhoyo**

Kwiimeko apho iirekhodi zingenako ukufunyanwa okanye zingekhoyo yaye onke amanyathelo afanelekileyo aye athathwa ukufumana irekhodi ebiceliwe, igosa lolwazi liya kuthi ngokusebenzisa iafidavithi/uqinisekiso lazise umenzisisicelo ngokufanelekileyo, linika izizathu ezipheleleyo.

#### **10.8 Ukulahlwa kweerekhodi**

- a) ISixeko sinelungelo lokulahlwa ngokusemthethweni iirekhodi ezithile ngokwemigaqo yabasemagunyeni efunyenwe kwiNkonzo yeeRekhodi zeSizwe zoMzantsi Afrika.
- b) Abenzisisicelo baya kwaziswa ukuba ngaba irekhodi ethile ilahliwe na kwimeko apho oku kuchaphazela iirekhodi eziceliweyo.
- c) Ngokungqinelana necandelo 24(1) lomthetho wePOPIA, uMlawuli uya kuthi, esakuba efumene isicelo esisuka kumntu onxulumene nedatha –
  - alungise okanye acime ulwazi lomntu ngamnye olumalunga nomntu onxulumene nedatha ephantsi kwakhe okanye ephantsi kolawulo lwakhe engachanekanga, engafanelekanga, edlulelwe lixesha ngokugqithisileyo, engaphelelanga, elahlekisayo okanye efunyenwe ngokungekho mthethweni; okanye
  - atshabalalise okanye acime iirekhodi zolwazi lomntu ezimalunga nomntu onxulumene nedatha uMlawuli ongasagunyaziswanga ukuba ayigcine ngokwecandelo le14

lomthetho wePOPIA.<sup>10</sup>

## **10.9 Ukurhoxiswa kofikelelo**

Izicelo zinokumiswa de kufumaneka ulwazi. Umenzisisicelo uya kwaziswa ngokufanelekileyo aze acelwe ukuba afake isicelo esiyincwadi zingadlulanga iintsuku ezingama30 (ezingamashumi amathathu) echaza ukuba kutheni ulwazi lufuneka phambi kokuba laziswe kuwonkewonke.

## **10.10 Ukungavunyelwa ukufikelela kwiirekhodi**

Igosa lolwazi /isekela gosa lolwazi linokwala ukufikelela kwiirekhodi phantsi kweemeko njengoko kubonelelwe kwiSigaba sesi2, iSahluko sesi4 soMthetho.

## **10.11 Iindlela zokulungisa izinto**

Iindlela zokulungisa izinto ziyafumaneka ukuba umenzisisicelo / iqela lesithathu alanelisekanga ukuba isigqibo seGosa loLwazi leSixeko / iGosa loLwazi elisekelayo leSixeko siyahambelana nezibonelelo zomthetho. Umenzisisicelo / iqela lesithathu linokufaka isicelo sesibheno sangaphakathi kwiSixeko esichasene nesigqibo esithathwe ligosa lolwazi okanye ligosa lolwazi elisekelayo ukuba:

- a) isicelo sokufikelela asivunywanga.
- b) iintlawulo ezibiziweyo azamkelekanga.
- c) ithuba ekwenziwe ngalo isigqibo ngokufikelela kwiirekhodi kufuneka senziwe, landisiwe.
- d) ukufikelela kwiirekhodi akukhutshwanga ngendlela ebekucelwe ngayo, umz. ikopi ekwikhompyutha endaweni yekopi eliphepha.
- e) iqela lesithathu linokufaka isicelo sesibheno sangaphakathi kwiSixeko esichasene nesigqibo segosa lolwazi okanye segosa lolwazi elisekelayo ukuba lichaze ulwazi oluphathelele kwiqela lesithathu.

## **10.12 Umgaqo wokufaka isibheno**

Isicelo sesibheno sangaphakathi masifakwe KWIFOMU YESI4 emiselweyo, eqhotyoshelwe [njengesihlomelo E.](#)

- a) lingadlulanga ithuba leentsuku ezingama60 (ezingamashumi amathandathu);
- b) ukuba isaziso esiya kwiqela lesithathu siyafuneka kwicandelo lama49(1)(b), zingadlulanga iintsuku ezingama30 (ezingamashumi amathathu) emva kokuba kunikwe isizathu kumenzisisicelo sesibheno malunga nesigqibo ebekwenziwe isibheno kuso okanye ukuba

---

<sup>10</sup> Icandelo le14(1) lomthetho wePOPIA- Phantsi kwamacandelwana elisi(2) nelesi(3), iirekhodi zolwazi zomntu ngamnye akusafuneki ukuba zigcinwe ithuba elide kunokuba kuyimfuneko ukwenzela ukuphumeza injongo yeenkcukacha ezaziqokelelwe okanye ezaye zanikwa ingqwalaselo.

isaziso esiya kumenzisicelo sesibheno asifuneki, emva kokuba isigqibo sithathiwe.

c) Inkqubo yokufaka isicelo sesibheno sangaphakathi:

- kufuneka iziswe, iposwe okanye ithunyelwe ngeposi yekhompuyutha ukuya kwigosa lolwazi okanye kwigosa lolwazi elisekelayo lequmrhu.
- kufuneka aqwalasele isihloko sesicelo sokwenza isibheno sangaphakathi kunikwe izizathu zokwenziwa kwesicelo.
- kufuneka achaze indlela umenzisicelo anqwenela ukwaziswa ngayo ngesigqibo esimalunga nesicelo sesibheno sangaphakathi, ukongeza kwimpendulo ebhaliweyo.
- kufuneka sikhathshwe yintlawulo yesicelo sesibheno emiselweyo, ukuba kufanelekile.
- kufuneka kuchazwe idilesi yeposi okanye idilesi yeimeyili.
- igosa lolwazi okanye igosa lolwazi elisekelayo kufuneka ukuba lithi zingadlulanga iintsuku ezili10 (ezilishumi) zeentsuku zokusebenza emva kokufunyanwa kwesicelo sesibheno sangaphakathi lingenise kuGunyaziwe wezeziBheno, oko kukuthi uSomlomo, ukwenzela ukuba kunikwe ingqwalaselo.
- izicelo zezibheno ezifike emva kwexesha zinokuvunyelwa ukuba kunokuboniswa isenzo esihle.

### **10.13 Izicelo eziya eNkundleni**

Umenzisicelo okanye iqela lesithathu linokusebenza kuphela enkundleni ukuba inkqubo yesicelo yangaphakathi echasene nesigqibo segosa lolwazi okanye igosa lolwazi elisekelayo isetyenziswe ngokupheleleyo.

## **11 IINKONZO EZIFUMANEKAYO KULUNTU EZISUKA KWISIXEKO NENDLELA YOKUFUMANA UFIKELELO KWEZO NKONZO**

### **11.1 Amagunya, uxanduva kunye nemisebenzi**

ISixeko sinenjongo yokuqinisekisa inkonzo nonxibelelwano olunempumelelo nolukhawulezayo noluntu lwethu. Ukuba ufuna ukuthetha nomntu othile emnxebeni, okanye akumazi ukuba ngubani ekufuneka uqhagamshelane naye, kucelwa ukhangele uluhlu lwethu lamagosa karhulumente eSixeko ekuqhagamshelwana nawo apha ngezantsi.

#### **Imibuzo ngokubanzi**

Iziko loMnxeba laBaxumi

Umnxeba: [0860 103 089](tel:0860103089)

<b>Okunokukhethwa</b>	<b>Iiyure zokusebenza</b>
<b>Ukhetho loku1: Amatyala nemibuzo ngokubanzi</b>	NgoMvulo ukuya ngoLwesihlanu: 07:00 - 21:00 NgemiGqibelo: 08:00 - 14:00 NgeeCawa neeholide zikawonkewonke: 09:00 - 13:00
<b>Ukhetho lwesi2: Imibuzo ngamanzi</b>	Chaza imiba enxulumene namanzi 24/7 kwiziko lemfonomfono lethu. Khangela apha ngezantsi amanye amajelo.
<b>Ukhetho lwesi3: Imibuzo ngombane</b>	Chaza imiba enxulumene nombane 24/7 kwiziko lemfonomfono lethu. Khangela apha ngezantsi amanye amajelo.
<b>Ukhetho lwesi4:</b>	NgoMvulo ukuya ngoLwesihlanu: 07:30 - 17:00

<b>Imibuzo ngezithuthi</b>	
----------------------------	--

I-imeyili ngokubanzi:

[contact.us@capetown.gov.za](mailto:contact.us@capetown.gov.za)

I-imeyili yezamatyala:

[accounts@capetown.gov.za](mailto:accounts@capetown.gov.za)

Ifeksi:

[086 201 1017](tel:086 201 1017)

**Idilesi yendawo:**

Civic Centre  
12 Hertzog Boulevard  
Cape Town  
8001

**Idilesi yeposi:**

Private Bag X9181  
Cape Town  
8000

**Idilesi yeposi:**

PO Box 298  
Cape Town  
8000

**Umnxeba wasimahla**

Umnxeba wasimahla ufumaneka kwizakhiwo zoomasipala nakwezoluntu ezahlukeneyo kwikapa liphela ngaphandle kwentlawulo.

[Fumana umnxeba wasimahla ekufutshane nawe.](#)

**Iinombolo zamathuba kaXakeka nezongcedo**

Ukuchaza ezongxamiseko ngamathuba kaXakeka kucelwa uqhagamshelane nabalandelayo-[021 480 7700](tel:021 480 7700) okanye ku107 emnxebeni.



<b>Kumathuba kaXakeka</b>	<b>Iinkcukacha zozhagamshelwano</b>
<b>Utywala neziyobisi</b>	Iinombolo zongcedo ngexesha likaXakeka esebenza liyure ezingama24: 0800 435 748 (0800 HELP 4 U)
<b>Imililo, izikhukula, ukuwa kwamatye nezinye iimeko zongxamiseko zokusingqongileyo</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Chaza nayiphi na ingxaki engxamisekileyo ku107 kumnxeba, ku112 (umnxeba wasimahla) okanye apha kumnxeba wezongxamiseko u021 480 7700 kwiselula.</li> <li>Ifeksi ngokubanzi: <a href="tel:086 576 1776">086 576 1776</a></li> </ul>

	<ul style="list-style-type: none"> <li>Ifeksi yezeenkukacha nengcebiso: <a href="tel:0865761775">086 576 1775</a></li> </ul>
<b>Umnxeba woncedo ngamathuba kaXakeka obuqhophololo</b>	Umnxeba: 0800 323 130
<b>Uthathomhlaba olungekho semthethweni / ukuhlala kumhlaba ngokungekho semthethweni</b>	Iinombolo zoncedo ngexesha likaXakeka esebenza liyure ezingama24: <a href="tel:0214807700">021 480 7700</a>
<b>Umnxeba woncedo wamathuba kaXakeka ukuchaza malunga neZitompi zeCuba eziLahlwa nje:</b>	Chaza abantu abalahla izijungqe zeSIGARETHI ngeefestile zezithuthi zabo. Umnxeba: <a href="tel:0214807715">021 4807715</a>

### Ukuchaza iinkonzo ezicelwayo

Chaza iinkonzo ezicelwayo kusetyenziswa iinkonzo zethu [zeZicelo zeePothali](#).

Uhlobo lwenkonzo	Iinkukacha zoqhagamshelwano
<b>Iingxaki zombane – iSixeko saseKapa</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Umnxeba: <a href="tel:0860103089">0860 103 089</a></li> <li>Thumela ngeSMS ingxaki ekuchaphazelayo ku: 31220 (liSMS zasimahla azisebenzi)</li> <li>I-imeyili: <a href="mailto:power@capetown.gov.za">power@capetown.gov.za</a></li> </ul>
<b>Iingxaki zombane – kwindawo ebonelelwa ngombane nguEskom</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Iziko leemfonomfono lombane: <a href="tel:0860037566">0860 037 566</a></li> <li>I-imeyili: <a href="mailto:western@eskom.co.za">western@eskom.co.za</a></li> </ul>
<b>Ukubiwa lweekheyibhili</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Umnxeba: <a href="tel:0800222771">0800 222 771</a></li> <li>Ifeksi: <a href="tel:0214005910">021 400 5910</a></li> </ul>
<b>Ezingokuhlala emhlabeni ngokungekho semthethweni (ulawulo lwamatyotyombe)</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Umnxeba ngexesha likaXakeka: 107</li> <li>Umnxeba: <a href="tel:0214807700">021 480 7700</a></li> </ul>
<b>Iindlela nezikhukula (imingxuma esendleleni / ukuzalisa ngamanzi / imithi ewileyo / imingxuma evulekileyo yohanjisolindle / uchithakalo lweekhemikhali)</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Umnxeba: <a href="tel:0800656463">0800 656 463</a></li> <li>I-imeyili: <a href="mailto:Transport.Info@capetown.gov.za">Transport.Info@capetown.gov.za</a></li> </ul>
<b>Abantu abahlala esitratweni</b>	Umnxeba wasimahla: <a href="tel:0800872201">0800 872 201</a>
<b>Iimpazamo kwizibane zeempawu zendlela</b>	Umnxeba osebenza liyure ezingama24: <a href="tel:0800656463">0800 656 463</a>
<b>Ulonakaliso lweempahla</b>	Umnxeba: <a href="tel:0214807700">021 480 7700</a>

### Cela ukwenzelwa inkonzo

Cela inkonzo ekhompuyutheni ngokusebenzisa iPothali [yeZicelo yeeNkonzo](#).

### Iinkonzo zombane

#### ISebe lezoMbane: Iingxaki, amatyala nemibuzo ngokubanzi

- Umnxeba: 0860 103 089
- Thumela ngeSMS isiphene osifumanisileyo apha: 31220 (liSMS zasimahla azisebenzi)
- I-imeyili: [power@capetown.gov.za](mailto:power@capetown.gov.za)

#### Umbane – Iindawo ezibonelelwa ngombane nguEskom

- Umnxeba: [0860 037 566](tel:0860037566)
- Thumela ngeSMS impazamo oyifumanisileyo apha: 35328 (iiSMS zasimahla azisebenzi)
- I-imeyili: [western@eskom.co.za](mailto:western@eskom.co.za)

### **Amanzi noCoceko: lingxaki, amatyala nemibuzo ngokubanzi**

- Umnxeba: [0860 103 089](tel:0860103089)
- I-imeyili: [water@capetown.gov.za](mailto:water@capetown.gov.za)
- UWhatsApp: [060 018 1505](tel:0600181505)
- Thumela ngeSMS impazamo oyifumanisileyo apha:31373 (iiSMS zasimahla azisebenzi)

### **INkunkuma: Ukulahlwa kwenkunkuma ngokungekho semthethweni, imigqomo yenkunkuma enamavili nokucoca ngokubanzi**

- Umnxeba: 0860 103 089
- Ifeksi: 086 201 1017 / 021 400 4302
- I-imeyili: [wastewise@capetown.gov.za](mailto:wastewise@capetown.gov.za)

### **AmaPolisa kaMasipala neeNkonzo zezeNdlela**

- Umnxeba: 0860 765 423

### **Ubhaliso lwezithuthi**

- Umnxeba: 0860 103 089
- Ifeksi: 086 576 1629
- I-imeyili: [accounts@capetown.gov.za](mailto:accounts@capetown.gov.za)

### **IZiko leeNkcukacha lezoThutho**

- Iinkcukacha ngokubanzi zezithuthi zikawonkewonke:  
Umnxeba: [0800 656 463](tel:0800656463)
- Inkqubo yokubhukisha izithuthi eziqeshisayo iDial-a-Ride:  
Umnxeba: [0800 600 895](tel:0800600895)

### **Izohlwayo zezeendlela**

- Umnxeba: 0860 103 089
- Ifeksi: 021 406 8734

### **Izicelo zokuqhuba imisitho neemvume zemisitho**

- Umnxeba: [021 417 4034](tel:0214174034) / [021 417 4035](tel:0214174035) / [021 417 4036](tel:0214174036)
- Ifeksi: [086 576 1933](tel:0865761933)
- I-imeyili: [events.permit@capetown.gov.za](mailto:events.permit@capetown.gov.za)

### **Ukufotwa kweefilimu neemvume zoko**

- [Inkqubo yokubhukishela indawo yokufota iifilimu](#)
- Umnxeba ngokubanzi: [021 417 4025](tel:0214174025)
- Iifoto zesiqhelo / ukufota iifilimu zexabiso elisezantsi: [021 417 0599](tel:0214170599)
- Amatyala: [021 417 4030](tel:0214174030)
- I-imeyili: [film.permit@capetown.gov.za](mailto:film.permit@capetown.gov.za)
- Ifeksi: [086 576 1933](tel:0865761933)

### **Iithenda**

- Ipothali yezinikimaxabiso ekwikhompyutha
- Inkqubo yokuthengwa kweempahla neenkonziso ekwikhompyutha
- Inkqubo yomboneleli wenkonzo apho azinceda ngokwakhe ukufumana inkonzo
- Umnxeba: 021 400 2405 / 021 400 2505
- Ifeksi: 021 419 7659
- I-imeyili: [tenders@capetown.gov.za](mailto:tenders@capetown.gov.za)

### **Ezamashishini notyalomali**

- Umnxeba: 021 400 2123
- I-imeyili: [info@investcapetown.com](mailto:info@investcapetown.com)

### **Izakhiwo zethu**

ISixeko isiqhuba iinkonzo ekumgangatho wehlabathi kunye neendawo zokuzonwabisa ezikikeleze umasipala ombaxa. Fumana enye ekufutshane nawe ehambelana neemfuno zakho.

[Jonga zonke izibonelelo zethu zeenkonziso](#)

### **Amasebe ethu**

Jonga uluhlu [lwamasebe karhulumente wethu kunye neenkukacha zoghagamshelwano](#). Ukuba unqwenela ukuthetha negosa leSixeko esithile kwaye ube neenkukacha zalo, unokuqhagamshelana nabo kwiswitshibhodi yethu apha [021 400 1111](tel:0214001111).

### **IOfisi yaMajelo eeNdaba**

IOfisi yaMajelo eeNdaba yeSixeko inomsebenzi wokukhusela nokuphakamisa isidima emehlweni kawonkewonke sezolawulo lweSixeko ngokusebenzisa amajelo onxibelelwano asimahla. Oku kuquka amaphephandaba, izikhululo zonomathotholo, amajelo kamabonakude kunye namajelo asekhompyutheni ahlukeneyo.

[Yiya kwikhasi leOfisi yaMajelo oPapasho ukufumana iinkukacha ezingaphezulu.](#)

### **UNozikhalazo:**

- Umnxeba: 021 400 5487
- ISMS: 44781
- Ifeksi: 021 400 5952
- I-imeyili: [ombudsdirect@capetown.gov.za](mailto:ombudsdirect@capetown.gov.za)

### **Izicelo zeziBheni:**

- I-imeyili: [msa.appeals@capetown.gov.za](mailto:msa.appeals@capetown.gov.za)
- Ifeksi: 021 400 5830 / 086 202 9981

### **Amabango e-inshorensi:**

- I-imeyili: [charlene.harmse@capetown.gov.za](mailto:charlene.harmse@capetown.gov.za)
- Ifeksi: 086 202 9701

### **Ukufikelela kwiinkukacha:**

- I-imeyili: [access2info.act@capetown.gov.za](mailto:access2info.act@capetown.gov.za)

### **Ipotali yedatha evulelekileyo:**



- [Ipotali yeDatha eVulelekileyo yeSixeko.](#)

Fumana uceba wakho:

- [Khangela isiXhobo sethu sokuKhangela ukufikelela kwiinkcukacha zooceba.](#)

IOfisi kaSodolophu:

- Umnxeba: [021 400 1301](tel:0214001301) / [021 400 1300](tel:0214001300)
- I-imeyili: [mayor.mayor@capetown.gov.za](mailto:mayor.mayor@capetown.gov.za)

Iinkonzo ezikwikhompyutha: inkonzo ekufutshane nawe

**UQHAGAMSHELWANO LWESIXEKO**

[Yiya kuluhlu olupheleleyo lweenkonzo ezikwikhompyutha](#)

- **Ukukhutshelwa kwamaxwebhu akwikhompyutha**
- 1. [Incwadana engunombolo107 yoNxibelelwano oluNgxamisekileyo \(isiNgesi/isiAfrikansi/isiXhosa\)](#)
- 2. [Incwadana yeBhaskithi yeeNkonzo](#)
- 3. [IPowusta yeCCT yokuNxibelelana neSixeko \(isiAfrikansi\)](#)
- 4. [IPowusta yeCCT yokuNxibelelana neSixeko \(isiNgesi\)](#)
- 5. [IPowusta yeCCT yokuNxibelelana neSixeko \(isiXhosa\)](#)
- 6. [Ungaqhagamshelana njani nencwadana yoLwazi yeSixeko](#)

**12. UBANDAKANYEKO LOLUNTU EKUQULUNQWENI KOMGAQONKQUBO OKANYE EKUSETYENZISWENI KWAMAGUNYA OKANYE EKWENZIWENI KWEMISEBENZI SISIXEKO SASEKAPA**

Enye yeenjongo eziphambili zikarhulumente wasekhaya kukukhuthaza ubandakanyeko loluntu nemibutho yoluntu kwimiba karhulumente wasekhaya (icandelo lama152(1) (e) lomGaqosiseko<sup>11</sup>). Isahluko sesi4 soMthetho ongeeNkqubo zikaMasipala: kaRhulumente waseKhaya wama32 ka2000, sifuna oomasipala ukuba babandakanye uluntu kwiinkqubo zokwenziwa kwezigqibo nokubonisana kwanokusebenzisana nabahlali ngokuphathelele kwimicimbi karhulumente wasekhaya echaphazela bona. Ngokuphathelele koku, iSixeko sibandakanya abahlali kwimiba ebalulekileyo nebachaphazelayo oko kusenziwa ngeentlanganiso zeekomiti zeewadi, iiseshoni kunye nemibutho kwanamanye amaqongqa akhethekileyo. Kukhuthazwa abahlali ukuba banxibelelane nathi malunga nemiba evuleleke kubahlali ukuba bavakalise izimvo zabo. ISixeko sipapasha imiba ekuza kuvakaliswa izimvo ngayo ngabahlali rhoqo. Abahlali banokungenisa ingxelo, amanyathelo neeprojekthi ezibachaphazelayo njengabahlali baseKapa.

**Amalungiselelo avumela uthathonxaxheba/ubandakanyeko loluntu**

<sup>11</sup> UmGaqosiseko weRiphabliki yaseMzantsi Afrika, wowe1996

Ubandakanyeko loluntu kwimeko karhulumente wasekhaya lulawulwa nguMthetho wezeeNkqubo noMthetho wamaSebe. Injongo yenkqubo yothathonxaxheba loluntu kukuqinisekisa ukuba iSixeko, kwakunye noluntu ngokubanzi baya kuba yinxalenye yabanini benkqubo yothathonxaxheba yoluntu kunye nesiphumo sokugqibela.

Amacandelo oluntu abandakanyekayo kuthathonxaxheba loluntu, umzekelo, abantu ngabanye, amaqela ezemidlalo/ezentlalo, imibutho yezenkolo, amashishini asakhasayo, aphakathi kwanamashishini amancinane (iiSMME), imibutho yoluntu (iiCBO), imibutho engekho phantsi kukarhulumente (iiNGO), amaqonga asekelwe kumacandelo, amaqonga asekelwe kwimimandla, amashishini, imibutho yoluntu/imibutho yabahlawuli behafu kamasipala.

ISixeko sinokusebenzisa ezi nkqubo zilandelayo ukubandakanya uthathonxaxheba loluntu:

- Ukusasazwa kwamaxwebhu kwiindawo zikarhulumente ukwenzela ukufumana amagqabantshintshi
- Uvavanyo
- Izibhengezo zamaphephandaba
- Ukuvakaliswa kwezimvo luluntu ngokusesikweni
- Iintlanganiso zikawonkewonke
- Ukuqulunqwa kwesiseko sothathonxaxheba loluntu

### **Imiba evuleleke ukuze uluntu lunike izimvo**

Ukuba iSixeko sinenjongo yokungena kwisivumelano okanye ukufikelela kwisigqibo esinokukuchaphazela njengomhlali, oko uya kukufumana kolu didi. Izibhengezo ezithile eziboniswe kolu didi ziquka: iiprojekthi neethenda zeSixeko ezicetyiswayo, imigaqonkqubo eluyilo, imithetho kamasipala neminye imisebenzi epapashiweyo yeSixeko, kunye nokuthengiswa, ukuqeshiswa okanye ukuvalwa kwepropati esisigxina yeBhunga, phakathi kwezinye izinto.

### **Izicelo ezingokusetyenziswa komhlaba**

Izicelo ezingokusetyenziswa komhlaba (zikwaziwa ngokuba ziZaziso ezingoSetyenziso loMhlaba kaMasipala) zingeniswa [kuBaphathi bezoPhuhliso](#) ukwenzela uhlolo. Ezinye iinkqubo zokwakha okanye zophuhliso zinokuchaphazela abamelwane abasecaleni kwabo, uluntu okanye okusingqongileyo. Kwiimeko ezilolu hlobo, iSixeko kufuneka ukuba siququzelele ukubonisana kunye nothathonxaxheba loluntu ukwenzela ukuba abo banokuba nomdla kunye namaqela achaphazelekayo anokufaka igalelo kunye novakaliso lwezimvo phambi kokuba kufikelelwe kwisigqibo.

### **Izicelo zokufumana ulwazi**

Esi sithuba sisetyenziselwa ukupapasha izicelo zokufumana ulwazi. Ulwazi neembono zinokufunwa kuzo naziphi na imveliso, ubugcisa okanye kwamanye amagalelo anokuphemelela iziseko zophuhliso needatha zeSixeko ezikhoyo. Sisoloko sinomdla wokuphonononga iindlela ezintsha zokufezekisa iinjongo zethu njengequmrhu.

### **Uvavanyo kunye nokungeniswa**

Ukuba uqhuba uvavanyo loluntu okanye kukho imfuneko yokufaka isingeniso, esinjengokutyunjwa kwamagama ukwenzela amaBhaso okuWonga ooLindikhaya basekuHlalani, siyipapasha apha. Uya kufumana uvavanyo olumalunga neNzondelelo kolu didi kwakunye neQonga elimalunga nokuSetyenziswa kweeNdlela eziNtsha eziVulelekileyo. Siyanikhuthaza ukuba nithathe inxaxheba kuvavanyo yaye nisebenzise eli qonga ukufaka iimbono ezintsha zenu kuthi

Unokubona unike iimbono zokuvakalisa inkcaso, iziphakamiso kunye negalelo kwimiba ekunika umdla okanye ekuchaphazelayo ngokuthi ulandele eli khonkco lilapha ngezantsi:

### **UQHAGAMSHELWANISO NESIXEKO**

#### **Vakalisa uluvo lwakho**

*LM*

### 13. UKUQWALASELWA KWEENKCUKACHA ZABANTU

#### 13.1 Injongo yokuqwalasela iinkcukacha zabantu kwiSixeko

Isihloko	Udidi
Injongo yoqwalaselo	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukuthengisa nokubonelela ngemveliso neenkonzelo zeSixeko</li> <li>• Ukuphucula imveliso neenkonzelo zethu</li> <li>• Ukuthengisa imveliso neenkonzelo kwabenzelwa iinkonzelo</li> <li>• Ukuthobela izinyanzeliso ezisemthethweni</li> <li>• Ukugcina iirekhodi zangaphakathi</li> <li>• Ziinjongo zobudlelane nabaxhamli beenkonzo</li> <li>• Ukuqhuba uphando</li> <li>• Iinjongo zokhuseleko, ezolawulo nezomthetho</li> <li>• Ukuzalisekisa izinyanzeliso zeemvumelwano zethu</li> <li>• Ukukuthumela kumathuba athile uhlaziyo lweendaba okanye olunye ulwazi esicinga ukuba ungalufumana olunika umdla</li> </ul>
Amanyathelo okhuseleko okukhusela iinkcukacha zabantu	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Amanyathelo ezokhuseleko ngokwasemzimbeni</li> <li>• Amanyathelo olawulo okufikelela</li> <li>• Amanyathelo okhuseleko lwangaphakathi</li> <li>• Amanyathelo okhuseleko kwiSayibha</li> <li>• Imilinganiselo yokuchasana nespam</li> <li>• Amanyathelo okulwa uhlasele lwekhompyutha yivayirasi</li> <li>• Ukufakela iinkqubo zokhuseleko lweenkcukacha zekhompyutha</li> <li>• Ulawulo lwepasiwedi</li> <li>• Ulawulo lokuba sesichengeni</li> <li>• Iziseko ezingundoqo zoLuntu</li> <li>• Ugcino lolwazi</li> <li>• Ukuqhubeka kweNkonzo yeIT</li> <li>• Elona lungelo lilodwa lincinane</li> <li>• Inkqubo yoKwazisa ngezoKhuseleko lweSayibha</li> <li>• Inkqubo zoqeqesho kukhuseleko lolwazi</li> <li>• Uphicotho lokhuseloko lolwazi,</li> <li>• Imigaqonkqubo yeenkampani enxulumene neIT.</li> </ul>

Ukufumana ulwazi olungaphezulu ngendlela eziqwalasela ngayo iinkcukacha zomntu ngamnye, kucelwa ukuba ukhangele isaziso esingokugcinwa kweemfihlo seSixeko esifumaneka apha <https://www.capetown.gov.za/General/Privacy>.

#### 13.2 Ukuchazwa kweendidi zaBenzisicelo beeDatha nolwazi okanye iindidi zolwazi ezinxulumene noko

Iindidi zaBenzisicelo beeDatha	Ulwazi loMntu Ngamnye olunokuQwalaselwa
Abasebenzi:	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Irekhodi yembali epheleleyo yomsebenzi ngamnye, igama nesikhundla somsebenzi, ulwazi loqhagamshelwano, ulwazi lokumelwa koluntu ngokwamanani alo (ikhowudi yeposi, iinkqubo ezikhethwayo, kunye neemfuno)</li> </ul>
Ababoneleli beenkozo:	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Irekhodi yomboneleli wenkonzo epheleleyo, ulwazi loqhagamshelwano, ulwazi lokumelwa koluntu ngokwamanani alo (ikhowudi yeposi, iinkqubo ezikhethwayo, kunye neemfuno)</li> </ul>
Uluntu ngokubanzi:	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Imibuzo ngokubanzi nokukhangelwa kwewebhusayithi yenkampani, igama nesikhundla somsebenzi, ulwazi loqhagamshelwano, ulwazi lokumelwa koluntu ngokwamanani alo, iinkqubo</li> </ul>

	ezikhethwayo, kunye neemfuno), olunye ulwazi oluphathelele kuvavanyo lwabaxhamli beenkonzo kunye/okanye beenkqubo ezenziwayo.
Amaqumrhu emizimveliso:	<ul style="list-style-type: none"> <li>iirekhodi zobulungu</li> </ul>
Amajelo eendaba:	<ul style="list-style-type: none"> <li>iirekhodi zonxibelelwano lwamajelo eendaba</li> </ul>

### 13.3 Abaxhamli okanye iindidi zabaxhamli apho ulwazi lomntu ngamnye lunokunikwa khona

ABenzisicelo beeDatha	Udidi lolwazi lomntu ngamnye	ABaxhamli okanye iindidi zaBaxhamli
Abasenokuba ngabasebenzi, abasebenzi abakhoyo, abaqeshwe ngekhontrakthi, abacebisi, abaqhelaniswa nomsebenzi kwanamavolontiya:	<ul style="list-style-type: none"> <li>Igama, inombolo yesazisi, iinkcukacha ngobomi;</li> <li>linkcukacha zoqhagamshelwano;</li> <li>Imbali yezemfundo, yezengqesho nembali yolwaphulo mthetho;</li> <li>Ulwazi lwebhayometrikhi kunye nezempilo;</li> <li>limvavanyo zesayikhometri kunye</li> <li>Ukutshekishwa kwabangqina ngesimo sakho nangemvelaphi yakho.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>ABenzisicelo beedatha</li> <li>Ingxowamali yomhlalaphantsi wabasebenzi</li> <li>Amaziko emali</li> <li>Amaqumrhu oshishino</li> <li>Unyanzeliso lwemithetho</li> <li>Izikim zoncedo lonyango</li> <li>Abenzi bomsebenzi (ababoneleli beenkonzo)</li> <li>Oogunyaziwe abasemthethweni</li> <li>Abaxhamli beenkonzo zeSixeko</li> <li>Abasebenzi beSixeko</li> <li>Amasebe kaRhulumente.</li> </ul>
Abasebenzi abakhoyo, abacebisi, abaqeshwe ngekhontrakthi nabasaqhelaniswa nomsebenzi;	<ul style="list-style-type: none"> <li>Ulwazi lweakhawunti kaMasipala;</li> <li>lingxelo ngentsebenzo; kunye</li> <li>Neengxelo ngezakhono/ngezoqeqesho.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Amasebe eSixeko achaphazelekayo, amaSebe kaRhulumente amaPhondo nakaZwelonke kunye neearhente zawo.</li> </ul>
Abanokuba ngababoneleli beenkonzo nababoneleli beenkonzo bangoku, oonokontra, oonokontra abaphantsi kwabanye, kunye namahlakani ezoshishino:	<ul style="list-style-type: none"> <li>Igama, inombolo yesazisi/inombolo yobhaliso lwenkampani;</li> <li>Inombolo yobhaliso echaphazelekayo;</li> <li>linkcukacha zoqhagamshelwano;</li> <li>Imbali yezemali;</li> <li>Amangqina ngesimo somntu, ukutshekishwa imvelaphi yakhe kunye</li> <li>lingxelo zentsebenzo yakhe.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Amasebe eSixeko achaphazelekayo;</li> <li>URhulumente wePhondo nokaZwelonke</li> <li>Amaqumrhu kaRhulumente</li> <li>Amaqumrhu oShishino neearhente zawo</li> </ul>

**13.4 Ukuhanjiswa kolwazi lomntu okucwangcisiweyo ngaphaya kwemida**

ICANDELO / ISEBE	ULWAZI OLUNQUMLA IMIDA
ULwazi lokuVeliswa koMbane	ISebe lokuVeliswa koMbane linesivumelwano sokugcinwa kwedatha nenkampani yaseJamani.
ISebe lezeMpilo leSixeko	ISebe lezeMpilo leSixeko liye lithi kumathuba ngamathuba livume ngokusesikweni izicelo zophando apho abaphandi abathile bakumazwe ahlukeneyo angaphesheya kweelwandle. Kuzo zonke iimeko kukho iziko lemfundo ephakamileyo elingaphakathi apha elizweni umphandi lowo anxibelelene nalo. Idatha kudla ngokwabelana ngayo neziko elingaphakathi elizweni lethu. Iidatha ekubonelelwe ngazo ezisuka kwinkqubo yedathabheyisi yeSixeko ukwenzela iinjongo zophando ngokubanzi nokuba zihlanganisiwe okanye kususwe ulwazi olwazisa iinkcukacha zomntu. Apho ulwazi lomntu ngamnye lufuneka khona, oku kudla ngokusonjululwa ngefomu yemvume etyikityiweyo elawulwa yikomiti yezophando. Zonke iiprojekthi zophando zifuna imvume ngezokuziphatha ngentsulungeko yezempilo yangaphandle kunye nemvume yeKomiti yoLawulo lwezeMpilo yeSixeko phambi kokuba uphando luqhubele phambili okanye phambi kokuba kubonelelwe ngeedatha.
ISebe loQingqomaxabiso	Izaziso ezishicilelweyo zoqingqomaxabiso njengoko kumiselwe nguMthetho kaMasipala olawula iiRhafu zePropati, ezijoliswe kubanini bepropati ngabanye, kubandakanywa ubunini kunye neenkukacha zepropati njengoko zibonakala kuLuhlu loQingqomaxabiso lweSixeko saseKapa. Abanini bepropati njengoko bebhaliwe kwiOfisi yoGcino noBhaliso lweePropati yaseMzantsi Afrika, ngaphakathi kummandla wolawulo weSixeko saseKapa, Izaziso zithunyelwa ngeposi eqhelekileyo kwiidilesi njengoko ziyalelwe ngabanini bepropati nakwiidilesi zeposi kuyo nayiphi na indawo yokufikela kumazwe ngamazwe. Iindawo ekufikelelwa kuzo iidilesi zeposi zimiselwa ngumnini wepropati kwaye zinokubandakanya naliphi na ilizwe umzekelo abanini bepropati abaneedilesi zamazwe ngamazwe, ezizezi: iAustralia, iBelgium, iDenmark, iFrance, iGermany, iNamibia, iNetherlands kunye neNigeria.

<p>UZinzo lwezoThutho eziDolophini</p>	<p>limpendulo kwizicelo zophando ezivela kwimibutho / amaziko ehlabathi ngokuxhomekeke kwisihloko. limpendulo zinokuvela kulo lonke okanye isebe elinye kwicandelo lolawulo lokuhamba eziDolophini. Nangona kunjalo, ezi zonganyelwa lisebe leeNkonzo zoThutho ekwaBelwana ngazo, eliya kuthi lidibanise izicelo ukuba ziyasebenza kwisebe elingaphezulu kwelinye kodwa liyongamela xa linxulumene nesebe elinye kuphela. Inkqubo emiselweyo iyalandelwa malunga nokuvunywa kwezicelo zophando nangokumalunga nemvume yomntu okanye amaqela esithathu.</p> <p>Umrhumo wobuLungu kunye neUnion Internationale Des Transport Publics (UITP), inkampani emi eBelgium. I-UITP ngumbutho ongenzi nzuzo wamazwe ngamazwe wezoThutho lukawonkewonke. Eli qumrhu lijongene nemiba enxulumene nezithuthi zikawonkewonke ezihlanganisiweyo, ulawulo lolwazi notyalomali kwihlabathi liphela. Uthungelwano lweUITP ludibanisa bonke abachaphazelekayo kuthutho lukawonkewonke kunye neendlela ezizinzileyo zothutho. [Ingxelo yeeKomoti kaSodolophu eya kwiBhunga yomhla we17 kweyoMqungu 2023]</p>
--	--

**13.5 INkcazo ngokuBanzi yeMiqathango yezoKhuseleko loLwazi ukuba zifezekiswe liqela elinoxanduva loko ukuqinisekisa ukugcinwa kokuyimfihlo, intembeko nokufumaneka kweenkcukacha.**

13.5.1 ISixeko sithatha amanyathelo ezobugcisa afanelekileyo nawequmrhu ukukhusela intembeko yolwazi lomntu ngamnye nolwazi lomntu ngamnye olukhethekileyo kwanokusebenzisa imigangatho yezobugcisa eyamkelekileyo ukuthintela ukufikelela okungagunyaziswanga okanye ukuchazwa kolwazi lomntu ngamnye nolwazi olukhethekileyo, kwanokukhusela ulwazi lomntu ngamnye ekusetyenzisweni kakubi, ilahleko, ukutshintshwa kunye nokutshatyalaliswa.

13.5.2 Le mimiselo iquka, phakathi kwezinye izinto, okulandelayo:

- a) Ukusetyenziswa koqhagamshelwano lokhuseleko iifayawoli, iibhekaphu, isoftware zokhuseleko lwekhompyutha kuzo zonke izixhobo zeWindowu. Ukuqhubeka kweNkonzo yeIT, iinkqubo zongqinisiso kunye nenkqubo yoKwazisa ngoKhuseleko lweSayibha.
- b) Imigaqonkqubo yezokhuseleko lweedatha zangaphakathi kunye nezikhokelo ezincedisa ekukhuseleni nasekugcineni intembeko yolwazi lomntu ngamnye nolwazi lomntu ngamnye olukhethekileyo.
- c) ukuqwalaselwa kwakhona kolwazi, iinkqubo zokugcina nokusingathwa, kuqukwa

nemimiselo yezokhuseleko ngokuphathekayo kumathuba ngamathuba, ukuqinisekisa ukuba sihlala sinolwazi ngenkqubo esebenza ngokukuko.

- d) Ugcino lolwazi ukwenzela iinjongo zokusebenza nezokhuseleko.
- e) ISixeko siphumeze iinkqubo, kuqukwa neeNkqubo zokuSebenza eziQhelekileyo zoLawulo lokuPhazanyiswa kweeDatha zeSixeko, ukusombulula ukukrokreleka kokutyeshela / ulwaphulomthetho lwedatha. ISixeko sazisa imixholo yogcinolwazi oluchaphazelekayo kunye namagunya alawulayo afanelekileyo ngolwaphulomthetho kwimeko apho iSixeko kufuneka ngokomthetho senzenjalo.
- f) ISixeko siseke iKomiti evunyiweyo yokuPhendula ngeZiganeko zePOPIA ("PIRC") ukuze ijongane kwaye ilungise izehlo ezinxulumene nokuchaneka kolwazi lobuqu / ulwaphulomthetho lwedatha.

**13.6 Amanyathelo okhuseleko ukukhusela iinkcukacha zabantu**

<p><b>Amanyathelo okhuseleko ukukhusela iinkcukacha zabantu:</b></p>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Amanyathelo ezokhuseleko ngokwasemzimbeni</li> <li>• Amanyathelo olawulo okufikelela</li> <li>• Amanyathelo okhuseleko lwangaphakathi</li> <li>• Amanyathelo okhuseleko kwiSayibha</li> <li>• Imilinganiselo yokuchasana nespam</li> <li>• Amanyathelo okulwa uhlaselo lwekhompyutha yivayirasi</li> <li>• Ukufakela iinkqubo zokhuseleko lweenkcukacha zekhompyutha</li> <li>• Ulawulo lwepasiwedi</li> <li>• Ulawulo lokuba sesichengeni</li> <li>• IZiseko ezinguNdoqo zoLuntu</li> <li>• Ugcino lolwazi</li> <li>• UQhubeleko lweNkonzo yeze/IT</li> <li>• Elona lungelo lilodwa lincinane</li> <li>• Inkqubo yoKwazisa ngezoKhuseleko lweSayibha</li> <li>• Iinkqubo zoqeqesho kukhuseleko lolwazi</li> <li>• Uphicotho lokhuseloko lolwazi,</li> </ul>
--	---



	<ul style="list-style-type: none"><li>• Imigaqonkqubo yeenkampani enxulumene neIT.</li><li>• Iinkqubo eziseMiselweyo zokuSebenza</li></ul>
--	--

## 14 UKUFUMANEKA KWENCWADANA

14.1 Le Ncwadana iyafumaneka ngeelwimi ezisesikweni zontathu ezilandelayo-

14.1.1 NgesiNgesi.

14.1.2 NgeAfrikansi.

14.1.3 NgesiXhosa.

**14.2** Ikopi yale Ncwadana okanye inguqulelo ehlaziyiweyo yayo, iyafumaneka ngokunjalo ngolu hlobo lulandelayo-

14.2.1 Kwiwebhusayithi yeSixeko: <http://www.capetown.gov.za/>;

14.2.2 kwiofisi yakwandlunkulu weSixeko ukwenzela ukuhlolwa nguwonkewonke ngethuba leeyure eziqhelekileyo: kwiOfisi yoFikelelo kwiiRekhodi zeSixeko, kumgangatho wesi2, Concourse Level, Civic Centre eKapa;

14.2.3 kuye nawuphi na umntu oye wenza isicelo naxa kuye kwahlawulwa intlawulo emiselweyo efanelekileyo; kunye

14.2.4 nakuMlawuli woLwazi kusakuba kuceliwe.

**14.3** Intlawulo yekopi yaleNcwadana, njengoko kuchatshazelweyo kwisiHlomelo B seMimiselo yoMthetho wokuPhakanyiswa koFikelelo kuLwazi, ka2001, iya kuhlawulwa ngokwefotokopi nganye yomlinganiselo weA4 eyenziweyo. Intlawulo ezimiselweyo ziqhutyoshelwe apha [njengesiHlomelo D.](#)

## 14. UKUHLAZIYWA KWEENKCUKACHA ZALE NCWADANA

ISixeko saseKapa siya kuthi, ukuba kuyimfuneko, siqwalasele kwakhona, sihlaziye yaye sipapashe le Ncwadana rhoqho ngonyaka, kodwa ubuncinane kube kanye ngexesha lonyulo.

Ikhutshwe ngu-

---

**Lungelo Mbandazayo**  
**UMphathi weSixeko**